URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Redewan Larney**
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Redewan.Larney@westerncape.gov.za | 021 467 2337

Inombolo yefayili.: 27/R
Isalathiso: 200240409-2958

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuqzelelo lwamaZiko: 0002/2024

Iya: KuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo

**Isihloko: Indima yenqununu kunye nezicelo ezivela kubaboneleli-nkonzo bezothutho lwabafundi babucala ukwenzela iilayisenisi zokusebenza ezivela kwi-*Provincial Regulatory Entity*.**

## 1. Imvelaphi

1.1 UMthetho wezoThutho kaZwelonke, 2009 (uMthetho 5 ka-2009), *(Land Transport Act, 2009 (Act 5 of 2009*), ufuna ukuba zonke izithuthi ezisetyenziswa ngababoneleli-nkonzo bezothutho okanye abantu abathutha abafundi bebasa ezikolweni ngenjongo yokufumana inzuzo eyimali, kufuneka bafumane iilayisensi zokusebenza kwiqumrhu i-*Provincial Regulatory Entity (PRE*), enoNdlunkulu walo oseKapa.

1.2 Ukufumana ilayisensi yokusebenza, umboneleli-nkonzo wezothutho wabucala okanye umntu othutha abafundi ukuya esikolweni (ezikolweni) ngenjongo yenzuzo eyimali makabonelele ngamaxwebhu ahlukahlukeneyo okungqinisiswa kweenkcukacha ngokuthelekiswa nemithetho yezothutho esebenzayo.

1.3 Ukuza kuthi ga ngoku, bekulindeleke ukuba ababoneleli-nkonzo bafumane ileta evela kwinqununu, nebingasoloko ineziphumo ezincumisayo kumaxesha amaninzi. Oku, kube negalelo ekubeni ababoneleli-nkonzo abaninzi bangakwazi ukwenza izicelo zelayisensi yokusebenza nto leyo ebeka ukhuseleko lwabafundi emngciphekweni. Ngenxa yesi sizathu, amagosa eenkonzo zezendlela kweli phondo akubeke phambili ukubeka esweni kwababoneleli-nkonzo abathutha abafundi nto leyo ebangele ukuba kukhutshwe izohlwayo ezikhulu kunye/okanye zikhutshwe izithuthi ezindleleni.

2. **Imiqathango emitsha yezicelo zelayisensi yokusebenza kunye nendima yenqununu**

2.1 Ukuphucula ukhuseleko lwabafundi kunye nale nkqubo yesicelo ikhankanywe apha ngasentla, iqumrhu i-*PRE* ifakele izilungiso kwisistim yayo apho umboneleli-nkonzo wezothutho wabucala okanye umntu othutha abafundi ukuya esikolweni (ezikolweni) ngenjongo yokufumana inzuzo eyimali engasayi kufuna leta yenkxaso evela kwiinqununu.

2.2 Ngoku, akuba nje umboneleli-nkonzo wothutho wabucala okanye umntu othutha abafundi abase esikolweni (ezikolweni) ngenjongo yokufumana inzuzo eyimali, enze isicelo selayisensi yokusebenza, i**-*PRE* iya kuthumela i-imeyili kwizikolo ezichaphazelekayo ukucela ubungqina** bokuba bakhona na abafundi ababhalisiweyo esikolweni abanokufuna isithuthi ukusuka kwindawo ethile.

2.3 Kubalulekile ukuba uluhlu lweedilesi zabafundi kunye nezinye inkcukacha kwi-*CEMIS* zichaneke, ziphelele yaye zihlaziywe.

2.4 Kucelwa nijonge **kwisiHlomelo A** esingumzekelo we-imeyili eya kuthunyelwa ezikolweni yi-*PRE*.

2.5 Ngokuphendula ngencwadi ebhaliweyo kwi-imeyili ye-*PRE* ukuqinisekisa ukuba ngaba abafundi babhalisiwe na esikolweni okanye akunjalo yaye bahlala kwindawo (kwiindawo) echaphazelekayo, ibhunga lolawulo kunye/okanye inqununu ayinakuthwala uxanduva okanye iphendule ngendlela yokuziphatha kwabaqhubi bezithuthi zothutho lwabafundi okanye ngokungayithobeli kwabo imithetho yendlela kunye/okanye imimiselo esebenzayo.

2.6 Ukuqinisekisa ukuba izicelo zisingathwa ngokukhawuleza nangokuyimpumelelo, izikolo ziyacelwa ukuba ziphendule kwi-imeyili ye-*PRE* engadlulanga amaxesha abekiweyo. Esinye isicelo sesokuba izikolo zimbandakanye umphathi wesekethe kwimpendulo yaso.

3. Kucelwa nazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-A MEYER
**USEKELA-MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO**
**UMHLA:** 2024-04-10